

EMINYE IMIBA GABALALA

Urhulumente uzimisele ukuyilwa ingxaki yemibhobho yamanzi evuzayo

Chris Bathembu

UCynthia Ncaphayi waseBhayi eMpuma Koloni, uvakalise umothuko xenikweni isikweliti sakhe samanzi sibonakalise singaphezu kwamawaka angama-70 eerandi. Lo kaNcaphayi akanamnyeni yaye wamkela imali engaphantsi kwama-200 000 eerandi ngonyaka. Ukanti ebesazi ukuba abantwana bakhe ababini bebengenakunyusa intlawulo yamanzi ngolu hlobo, ingakumbi kuba akanayo negiza, ishawa okanye ibhafu.

Xeshikweni bekuphandwa, kufumaniseke ukuba uNcaphayi lo ulixhoba lamanzi avuzayo, nto leyo eyingxaki kwilokishi ezininzi eMzantsi Afrika. Kutshanje, uninzi lwabamelwane bakhe bakhankanye amatyala amanzi angaphaya kwengqondo nayanyaniswa nemibhobho yamanzi eqgabhukileyo kunye neempompo ezonakaleyo.

Minyaka le uMzantsi Afrika uphulukana nebhiliyoni ezisixhenxe zeerandi ngenxa yemibhobho yamanzi evuzayo nto leyo eyinkcitho enkulu kweli. La ngamanzi anokuse-tyenziswa zizigidi zamakhaya nangenazo iinkonzo ezisisiseko ezifana namanzi neenkono zogutyulo.

Kodwa le nkqubo intsha yokongiwa kwamanzi nevunywe yiKhabhinethi kulindeleke ukuba yonge izigidi zeelitha zamanzi zeli eziyinkcitho. UMongameli Jacob Zuma uphehlelele iPhulo lokuLwa nokuVuza kwaManzi (i-War on Leaks) eBhayi kutsha nje, nto leyo ezakwenza iingcibi zamanzi nemibhobho zilungise iimpompo zamanzi kwanemibhobho kwiindawo ezihlala kuzo, njengexalenye yephulo lolondolozo manzi.

Kulindeke ukuba le nkqubo iqhube isithuba seminyaka emihlanu, nalapho kuza kuqeqeshwa abantu abatsha abangaphangeliyo ababalelwa kuma-15 000 nabaza kusebenza kumacandelo afana nezemibhobho yamanzi, iingcibi zamanzi nabatywini bemibhobho. Oku kuzakuqinisekisa ukuba icandelo lezaManzi noGutyulo leli loMzantsi Afrika lixhotyiswe ngabantu abanezakhono abaza kucutha ilahleko yamanzi kweli.

UMphathiswa wezaManzi noGutyulo uNomvula Mokonyane seletyambe iRand Water ukuba imilisele iPhulo lokuLwa nokuVuza kwaManzi.

"KwiNtetho yakhe engoBume beSizwe, uMongameli wavakalisa inkxalabo ngelahleko yamanzi exabisa ngaphezulu kweebhiliyoni ezisixhenxe zeerandi ngonyaka ngenxa ye mibhobho yamanzi evuzayo neseyonakele. Kukwakhonamanzi angekho zincwadini ekungaziwayo ukuba aphelela phi na. UMongameli uhlabe



UMongameli Jacob Zuma, apha noMphathiswa wezaManzi noGutyulo uNomvula Mokonyane, bezokuseka iphulo lokonga amanzi nelizakuveza amathuba okuqeqasha amawakawaka olutsha.

nekhwelo kumasebe ukuba eze nezisombululo," utshilo uMphathiswa uMokonyane.

Eli Phulo lokuLwa nokuVuza kwaManzi alizukonga nje amanzi koko lizakudala amawaka amathuba emisebenzi esisigxina kulutsha lweli kumacandelo obugcisa, elokutywina kunye neengcibi zamanzi eziza kube zixelenga koomasipala abatyunjweyo.

Kulindeleke ukuba kubekho izigaba zoqeqesho, nalapho isigaba sokuqala kulindeleke ukuba sithathe abantu abatsha abalinganiselwa kuma-3 000, kulandele abafundi abangama-5 000 kwisigaba sesibini, kuze abafundi abangama-7 000 abaza kuqeqeshwa kwisigaba sesithathu kunyakamali wowama-2017/18.

Ethetha eBhayi apho ebesungula eli phulo ngokusesikweni, uMongameli Zuma uthe ezi ngcibi zisebenza ngamanzi ziza kulungisa, zixomozelele zifakela ngokutsha imibhobho yamanzi. Kulindeleke ukuba oku kwenziwe koomasipala kulo lonke eli.

"Umyalezo ophambili esiniphathele wona ngowokuba masisebenzisaneni songe amanzi. Amanzi awalolifa lanaphakade. Ukuba ngaba

asiwanoneleli, singaphulukana nawo. Siyabona sonke lamanzi emakhayeni evuza, ethontsiza ezimpompeni, enkckenkceza nasezitalatweni zethu.

"Oku kuvuza kwenzeka ngeendlela ezahlukeneyo, ezifana nomonakalo odaleke phantsi komhlaba kwanezixhobo zemibhobho emidala neyonakeleyo," wongeze watsho uMongameli.

Oomasipala sele bemaxhaphetshu ngamaphulo amakhulu belungisa obu buxhakaxhaka ngokutsha ingakumbi lemibhobho ivuzayo. Ukwathe, iPhulo lokuLwa nokuVuza kwaManzi liza kuncedisa kakhulu kwimizamo yeSebe lezaManzi noGutyulo noomasipala yokulungisa imibhobho eyonakeleyo kwanezinye iziseko zophuhliso.

Urhulumete sele ebekele bucala isixa esizigidi zeeranda ezingama-680 kulo nyakamali.

UMphathiswa uMokonyane uthi oomasipala bezithili abangama-27 kweli, bebethwaxeka ngokwemeko yamanzi.

OkaMokonyane uthe, "Ngokubambisana nebhodi zezamanzi, siza kuqeqesha abantu abatsha, sibanike iziqinisekiso (izatifiketi) ngee-

SETA baze bazanyelwe izithuba zokusebenza kwiibhodi zezamanzi ezahlukeneyo nto leyo ezakunceda ngalomsebenzi.

Woleke ngelithi, abantu abatsha abaninzi baza kuthunyelwa koomasipala bezithili apho kufuneka uncedo ngamandla.

USodolophu waseNelson Mandela Bay uDanny Jordaan uthi uMasipala oMbaxa iNelson Mandela oquka iBhayi, iTinarha kunye neDespatch ngummandla onamanzi anqongophele kakhulu.

OkaJordan uthe, "Sinegxaki etshis'ibunzi, kwaye yiyo lonto sithathe isigqibo sokuqala siphethele silondolozo amanzi njengothombo obalulekileyo walo mmandla. Sivuye kakhulu kuba uMongameli eze apha ukuza kuseka eli phulo."

"Kule ndawo yethu singumasipala, kufuneka sisombulule le ngxaki yemibhobho evuzayo. Amatyala amanzi aphezulu awabangelwa kukusebenzisa amanzi ngokungenangqalelo, koko kukungakwazi kukamasipala ukulwa nale mibhobho ivuzayo," uhambise watsho okaJordaan.

UKONGA AMANZI: MAKUQALE NGAWE

Minyaka le urhulumente uphulukana nebhiliyoni zeerandi ngenxa yemibhobho yamanzi evuzayo nangona sele kusekwe iphulo lokulwa nale ngxaki, kuxhomekeke kuthi ukuba sibhinqe omfutshane silondolozo ithontsi nethontsi lamanzi.

Ukulondolozo amanzi kubalulekile nakokusingqongileyo. Oku kunceda ukuba ilizwe likwazi ukulwa nokunqongophala kwamanzi, nto leyo eyakunceda nawe wongene nemali. I-Vuk'uzenzele ikuphathele iingcebiso malunga nokonga amanzi.

IINDLELA ZOKONGA AMANZI EKHYA



- K u f u n e k a umana uyivala impompo xa uhlamba ubuso, uxukuxa, okanye ucheba iindevu.
- U k u b a u h l a m b e l a


- ebhafini, sukuyigcwalisa mome ibhafu.
- Ukuhlambela ebhafini kungasebenzisa iilitha zamanzi ezingama-80 ukuya kwezili-150 ngesihlandlo nje esinye.

- Musa ukuyigcwalisa qhu iketile. Linganisele nje loomanzi uwafunayo. Oku kuthoba neendleko zombane.
- Ungaziphuphumi izixhobo ezifana neembiza kuba oko kungakhokelela ekubeni ufune umlilo omninzi ngelokufudumeza amanzi.
- Yilungise indlu yangasese ukuba inemibhobho evuzayo kuba oko kwenza ilahleko yamanzi elinganiselwa kuma-100 000 elitha zamanzi ngonyaka.
- Musa ukumana ugungxula indlu yangasese kungekho mfuneko. Lahla amaphetshana amdaka, izinambuzane nezinye izinto ezimdaka emgqomeni wenkunkuma kunokuba uzigungxulele kwindlu yangasese.. Rhoqo xa ugu-



- ngxula usebenzisa iilitha ezili-12 zamanzi.
- Sebenzisa amanzi asele esebenzile – amanzi okuhlamba, amanzi aphuma

- koomatshini bokuhlamba iimpahla kwanamanye amdaka kodwa angenabungozi- ugungxule ngawo kwindlu yakho yangasese.
- Kunokuba usebenzise ithumbu lamanzi xa uhlamba imoto, sebenzisa ibhakethe. Ukuba ikho imfuneko yethumbu lamanzi, sebenzisa eli lintloko efafazayo emana icinywa xa uhlamba imoto.
- Amafama mawaqinisekise ukuba




- amachiza ayityhefu ezibulali-zinambuzane akude namanzi, nasemithonjeni.
- Musa ukusebenzisa imilambo okanye udonga lomlambo njengendawo yokuzikhulula.
- Ukuba ngaba ubona umntu ongcolisa amanzi, tsalela ii-Blue Scorpion kule nombolo: 0800 200200.

IINDLELA ZOKONGA AMANZI ESITYENI

- Nkckenkceshela iintyatyambo zakho

- qho kusasa okanye emva kwemini xa amaqondo obushushu ehlele. Phakathi kwentsimbi yeshumi kusasa neyesithathu emva kwemini ungaphulukana nama-90% amanzi ngokuthi aguquke abe ngumphunga.
- Maxa onke upheka iqanda, yonga loo manzi asele ebuphola uze unkenkceshela ngawo iintyatyambo zase-ndlini. Nazo ziza kufumana kwizichumisi eziphuma kwiziqokobhe leqanda.
- Ungasinkenkeshele rhoqo isitiya sakho kodwa uyithi rhwelele ngokwaneleyo xa uthe wayinkckenkceshela. Ukusebenzisa ithumbu lamanzi lokunkckenkceshela kungatya iilitha zamanzi ezingama-30 ngomzuzu.
- Ukanti namanzi ahla phezu kwendlu ungawagcina ematankini uze ukunkckenkceshela isitiya ngawo.



Umthombo: ISebe leMicimbi yezaManzi

EMINYE IMIBA GABALALA

Thandeka Ngobese

Umzingisi akanashwa

U-Angelina Masuku, omnyaka ingama-40, osuka KwaHlabisa kumantla aKwaZulu-Natal, ungumzekelo oluphawu wokuba ukuzinikela emsebenzini kunye nokuzijul'ijacu kungawafezekisa amaphupha akho

Ngaphandle kwemfundo yasesikolweni, uMasuku usebenzisa isakhono asizuze kwasebuntwaneni sokwenza iibhaskithi zokugcina iimpahla emdaka, izitulo, imifanekiso yasedongeni, iibhokisi zamajikazi, iitafile zendlu kunye neebhaskithi ezinkulu. Ezi mveliso zithunyelwa e-Atlanta, eMelika naseDisneyland.

Ukwaqeqesha abasetyhini abangaphangeliyo nolutsha ngelokuba bancedise ekondleni iintsapho zabo.

UMasuku uxelele intatheli ye-Vuk'uzenzele ukuba uyise wasweleka esekwibanga le-10. Unina akazange akwazi ukumhlawulela izifundo zakhe, wanyanzeleka ukuba aphume esikolweni. Wahlala nomakazi wakhe owamfundisa ukwenza iibhaskithi ngomthi weqalo okanye imbambosi, engazi yena ukuba le mveliso yakhe iza kufunwa lihlalathi liphela.

Uthi, "Ndifundise oodade wethu abane nabantwana bam esi sakhono ndasifumana kumakazi wam. Kungokunje sithengisela inkampani yemisebenzi yobugcisa Ilala iimpahla eziphothwa ngofele ezisuka eHluhluwe. Ngowama-2006 sathethana ne-African Art Centre e-Durban neyawuthandayo umsebenzi wethu sade nabo sabathengisela. I-African Art Centre invulele iingcango wade wangenela ukhuphiswano lwe-Craft Council. Kolo khuphiswano ndaphumelela kwindawo yokuqala neyesibini ndabuya ndithe mpa imali engama-50 000 eerandi.

Zivulekile ezinye iingcango kuba ngoku sele emenyelwa kooJamani, Italy nakwamanye amazwe eyokubonisa ngomsebenzi wakhe. Ngowama-2008 waya kwi-Arhenite yoPhuhliso lwamaShishini amaNcinci efuna uncedo lokuvula inkampani yakhe. Kungokunje uthengisela i-South African Lifestyle Hub ese-Atlanta kunye nabakwaDisneyland iibhaskithi ezingaphezu kwama-200 ngenyanga.

USekela Mphathiswa woPhuhliso lwamaShishini amaNcinci u-Elizabeth Thabethe,



U-Angelina Masuku (ngaphambili) kunye neqela asebenza nalo elincede ukuba bangene kwisivumelwano nabakwa-Disneyland



U-Angelina Masuku ubonisa enye yeemveliso zakhe

uvule ngokusesikweni iziko lemiboniso elisisigxina leemveliso zoMzantsi Afrika e-Atlanta ngowama-2013 ngelokuphakamisa igama leemveliso zeli kunye nokuququzelela ukuba amachule namagcisa amaninzi angaziwayo noosomashishini abasathukuthukuzayo bafumane iindawo abanokuthengisa kuzo. Isivumelwano sentsebenziswa neSebe lezobuGcisa neNkcubeko phantsi kolawulo loSekela Mphathiswa uRejoice Mabudafhasi, sikhokelele ekubeni amagcisa eli afumane inkxaso emandla eqinisekisa ukuba bafumana inkxaso eza kubenza bafikelele kubathengi bamazwe ehlabathi.

Lo kaMasuku ukwatho iimpahla ezifunwa e-Atlanta zithengwa ngeencwadi zentengiso ezithunyelwe kwezomkampani zinomdla, yaye unabasetyhini abangama-25 abamncedisayo.

Uthi xa eqgiba kuhlalwulwa, yena ubanika imali yeebhaskithi ezithengisiwayo. Uthi kungokunje kukho inqatha alivuzela izinkcwe

eBrithani, yaye uzakufuna izandla eziza kumncedisa kuthengiswe kanye nje xa iqala ukuthukuthukuzisa.

UMasuku uthi wenza ezi bhaskithi ngomthi woqalo nazipeyinta ngemveliso yendalo.

"Ndikholelwa ukuba xa sisenza ezi mveliso zethu zibe zezendalo ngqo, lo nto yenza umtsalane kubathengi," wongeza atsho.

Ilula ke ingcebiso kaMasuku kwabanye oosomashishini.

"Sukoyika ukuqalisa ishishini. Ukungabi namfundo makungabi ngumqobo. Mna lo, andinasikolo sibhekelephi kodwa ndiyaya phesheya kwezilwandle ndiye kuqhosha amaqhosha oshishino. Sukoyika ukufuna ingcebiso, loo nto iyakunceda kakhulu," woleka ngelitshoyo.

Uthi uMasuku abo banomdla kubugcisa bokwenzisa ezi bhaskithi bangamthumela i-imeyile kule dilesi: angelina.masuku@gmail.com okanye bamtsalele umnxeba ku-072 109 9329.

IGQIYAZANA ELISELULA LIPHĒKĒ IQHINGA LOKONGA UMBANE

Noluthando Mkhize

Kukho inani elikhulayo lolutsha lweli eliza nezisombululo kwiingxaki abagagana nazo mihla le. Omnye wabo nguLuthando Msomi omnyaka ingama-23 ophuma eMlazi eDurban, KwaZulu-Natal. UMsomi uthi gqi nesixhobo sokupheka esiphathekayo, nesithatha indawo yokusebenzisa umlilo obasiweyo kwaye asisebenzisi mbane okanye irhasi.

Esi sixhobo sokupheka sisebenzisa iinkuni ukugcina idangatye lomlilo kwaye siqinisekisa ukuba idangatye alinabungozi.

Uthi ufumanise ukuba abantu abahlala ematyotyombeni babasa umlilo phandle, nto leyo ingakhuselekanga. Ebusika kukho iziganeko zokutsha kwala matyotyombe, maxa wambi lo mlilo uphenjelwa ngulo mlilo obaselwa phandle.

"Kudala ndifuna izisombululo zeengxaki eziphekwe apha ekhaya yaye ndacinga ukuba mandenze esi sitovu. Nantso ke indlela endeza ngayo neli cebo."

Ngangendlela abemi beli abaxakene nayo nengxaki zokunqongophala kombane, uMsomi uthi kuxhomekeke kubemi beli ingakumbi ulutsha, ukuba beze nezisombululo.

Esi sitovu sakhe siphathekayo sisisombululo ngamaxesha kacimicimi wombane.

Olu hlobo lwesitovu salekela iintlobo zezitovu ebesezikho, kodwa umahluko kwesi ngowokuba asisebenzisi rhasi.

"Ezinye iintlobo zezitovu eziphantse bufane nesi, zinobuxhakaxhaka obukwinqwanqwa eliphezulu. Mna bendifuna ukujonga undlela-lula onokuba luncedo kubemi beli."

Umbono wokwenza esi sitovu wavela ngowama-2013, ngeshishini likaMsomi elaziwa ngokuba yi-Iziko enterprises.

"Esi sitovu senziwe ngenkonkxa yepoyinti eyi-5 l'ekukho nentsimbi etshiselwe kuyo. Sifaka ukhuni kule nkonkxa ukubasa lomlilo. Umlilo nomsi ziyenyuka nto leyo iyenza ukuba ingabi nabungozi kuba umlilo wona uvaleleke kule



ULuthando Msomi nesitovana sakhe esiphathekayo

nkonkxa. Imbiza yona ibekwa phezu kwale nkonkxa."

UMsomi, oligosa lezonxibelelwano kwiDyunivesithi yaKwaZulu-Natal (i-UKZN), kwiCandelo lezobuDiehlwane nezoshishino. Ukanti ebekwafunda kule dyunivesithi kwaye uthi ufumene uncedo kumasebe ohlakeneyo ale dyunivesithi ukuze enze esi sitovu.

Uthi waqala wabonisa nabafundi becandelo lezobunjini namanye amasebe alapha e-UKZN abathi bafaka isandla ngethuba esaqala ukwenza esi sitovu phambi kokuba sibe yinto ngoku esebenzisekayo.

Sithe sakuba sesi tovu sokwenyani wasithengisa ngemali eli-120 leerandi sisinye.

Oku kwenzeka kanye ngeethuba esaqala ukwenza esi sitovu. Iinjongo yoku yayikukucofa ifokotho labathengi ukujonga ukuba baza

kusithenga na. Ngenene basithanda. Uthi baya baya nakwiivenkile ezinkulu sifuna ukuqonda ukuba ziza kusithenga esi sitovu kusini na. Baye bamkelwa ngezandla ezishushu.

Lo kaMsomi wazibalula kukhuphiswano olwaququzelelwa yi-Ithala Bank ngowama-2014/15 nolwalusaziwa ngokuba yi-Inkunzi Isematholeni Youth in Business Competition.

I-Ithala Bank liqumrhu likarhulumente wephondo.

"Ndothuka ukuba ndiphumelele kolu khuphiswano. Ngethuba ndandiqala eli shishini ndandijongezisa nzuzo. Into eyayinkenteza yeyokuba sinengxaki yaye sifuna isisombululo. Namhlanje ndiva ukuba kukho nengeniso yayo, nto leyo ichulumancisayo.

Lithi eli gqiyazana lisathe gqolo lizama ukusiphucula esi sitovu, ekwaphanda ukuba asinabungozi empilweni na yaye ufuna sibe sesivunyiweyo ngabahloli beQumrhu lemiGangatho loMzantsi Afrika (i-SABS).

UTHuli Galelekile ongumlawli kwicandelo lonxibelelwano nezentengiso kwi-Ithala Bank, uthi uMsomi uza kuncediswa xa kuhlolwayo, ukubhala isicwangciso somkhombandlela weshishini, kwanenkxasomali yeli phulo.

Ukhuphiswano lwe-Inkunzi Isematholeni Youth in Business lilinge esikholelwa ukuba lingakhuthaza umdla wokuqala amashishini kulutsha. Liphulo eliqalise ukwenza ulutsha olungaphangeliyo ukuba lusebenzise iingqondo lucinge ngokuziqalela amashishini angazikuba nobungozi kwindalo.

OkaMsomi uthi iinjongo zakhe ngoku kukuya kungena mome kushishino lwezentalo nengeniso ngokupheleleyo,

Uthi kungokunje usaqokelela imali kwaye ufuna nomntu oza kumfundisa ngoshishino. Ukonga umbane yinto ebalulekileyo kweli loMzantsi Afrika. Uthi kubalulekile ukongiswa kombane nokufumana isisombululo kolu hlobo loqoqosho lungenabungozi kwindalo okanye okusingqongileyo.

Ukhuseleko kuqala

Njengoko isizwe sikhangelwa ezinye iindlela zokupheka okanye ezokugcina amakhaya efudumele ngeenjongo zokonga umbane, i-Vuk'uzenzele ikuphathele amacebo eendlela zokusebenzisa iparafini nerhasi ngokukhuselekileyo. **Xa usebenzisa iparafini:**

- Yiba nonophelo, kuba iyityhefu kwaye ingasitshisa isikhumba sakho nokuba ayilunyekwanga.
- Ungaze usishiye isixhobo esisebenza ngeparafini sodwa. Kuthatha nje umzuzwana ukuba isitshingitshane somoya, isilo-qabane okanye umntwana ukuba agile isibane okanye isitovu.
- Qinisekisa ukuba izinto ezisebenzisa iparafini zikwindawo emcaba.
- Ungabeki ilaphu phantsi kwento esebenzisa iparafini. Umntwana okanye isilo-qabane singalitsala kulo msonto uvelileyo, lize ilaphu elo litshe libangele umlilo.
- Hlala unebhaskithi lesanti xa usebenzisa izinto zeparafini. Amanzi awalimi idangatye leparafini endaweni yoko angawunwenisa umlilo.

Iindlela zokusebenzisa irhasi ngokukhuselekileyo:



Umthombo: www.total.co.za